



Indaba 4

NOVEMBA | DISEMBA 2016 | JANYUWARI 2017

**Funda ngako konke:** ukusuka kumalungiselo emiDlalo esiNgcono xa siBambisene yango-2016 (eyaziwawo njenge-2016 Better Together Games), ukuya kwimpumelelo yeembaleki zethu eziqwesileyo; kumagqabantshintshi amawonga esiwafumeneyo, kwakunye nolwazi oluqinisekisa ukuma kakuhle kwezimali nasempilweni yakhe, iinkcukacha zokusebenzisa inkqubo yokuqinisekisa ukuba ugcina ixesha ngendlela efanelekileyo ... uyazibala, olu hlelo ludlamkileyo lwe-Phambili luziphaka zishushu kuwo wonke ubani.

miDlalo yokuGcono xa siBambisene eyaziwa ngokuba zii-Better Together Games sisiganeko saminyaka le esidibanisa bonke abasebenzi boomasipala noRhulumente waseNtshona Kapa ukuze bathabathe inxaxheba kuthotho

## Iimbaleki zaseOverstrand zidlamkise Ii-Better Together Games 2016

**BETTER TOGETHER GAMES 2016**  
CAPE WINELANDS/OVERBERG

**TEST YOUR BEST.**  
All departments call on their sportsmen and women to be champions.

**SUPPORT THE REST.**  
Support your department and your Western Cape Government colleagues.

**Date: 14 October 2016**  
**Time: 08:30 for 09:00**  
**Place: Boland Park Stadium, Worcester**  
**Entries: No later than 16:00, 29 September 2016**

Iweemidlalo eyahlukeneyo ebanjelwa kwiindawo zemidlalo ezahlukeneyo kuMasipala wesiXeko kunye neengingqi zamaphandle. Okwangoku, ngabasebenzi baseOverstrand abali-138 ababhalisele ukuthabatha inxaxheba kwisiganeko salo esiqhubeka ngowe-14 Okthobha 2016 kumaBala emiDlalo iBoland Park eWorcester.

Ngexesha ubhaliso luvalwa ngoLwesine wama-29 Septemba 2016, amalungu abasebenzi angama-31 athe abhalisele ukukhuphisana kumbhoxo, ngama-51 kwisoka, 18 kwipuli, 11 kwigolifu, 11 kwineethbholi nasi-7 kwidatsi.

Kubathabathi-nxaxheba abaninzi, injongo kukuphucula iziphumo zonyaka ophelileyo, nalapho iimbaleki zethu zithe zafikelela eqongeni ibe ngabagqotsi beemitha ezili-100, uninzi lweembaleki zethu zathi azaphumelela ukuphuma kwiindawo ezibalulekileyo kolu gqatso.

Amaqela ethu, ke ngoko, aziqeqesha nzima enembono yokubanga izicoco zombhoxo neqakamba awayeziphumelele ngo-2013 nango-2014 kwakunye neembasa zegolide zabagqotsi kwakwesi sithuba sexesha sinye.

Abaphumeleleyo kumdlalo ngamnye baya kuthabatha inxaxheba kwi-Corporate Games eziya kubanjwa eKapa ngoNovemba kulo nyaka. Sinqwenela iimbaleki zethu impumelelo kunye nokuzithemba ukuba bangaphumelela.

**Halala kwiQela laseOverstrand!**

## UMASIPALA WASEMATATIELE USINDWENDWELE

Kutsha nje, uTsietsi Raleting (phakathi emfanekisweni) kunye nogxa wakhe uKhoboso Lebenya (qelele ekunene) bavela kuMasipala waseMatatiele - urhulumente wangingqi omi kumantla eMpuma Kapa kwisithili saseKokstad - bandwendwele i-Overstrand.

uRiana Steenekamp (qelele ekunxele) weSebe loNxibelelwano lethu ubabonise ngochulumanco izinto ezenziwayo ebakhombisa kwiindawo ezinobuxhakaxhaka be-ICT apha eOverstrand.



## Ubugcisa beeMbaleki *buyaphila* kwaye bukho eOverstrand



**U**KUTOLA ngumdlalo apho umntu adubula itekeni ngotolo. Ngokwembali, utolo lwaluse-tyenziselwa ukuzingela nokulwa emfazwe. Kodwa ngoku kule, ukutola ngumdlalo wokhuphiswano ophambili nolungele usapho lonke.

Ukuba ubani ucinga ukudlala le midlalo, zimbini izinto ekumele eziqwalasela: luhlobo luni lokutola umntu anomdla kulo (umz. olwangaphakthi, emabaleni okanye i-3D) kwaye loluphi utolo oluya kuku- lungela ngcono (umz. olugobe ngasemva okanye oluxhakaxhaka).

Kwitolo lwe-3D, amatola adubula iitekeni zezilwanyana ezenziwe ngerabha okanye ngekhatshukhatshu. Ezi tekeni zibekwa kwiindawo zemigama eyahlukeneyo ukusuka kwiqonga lokudubula, okuthetha ukuba amatola kumele adubule imigama eyahlukeneyo kwinkqubo yokhuphiswano.

Ngamanye amaxesha, imigama iphawulwe kodwa, amaxa amaninzi, amatola kumele azigqibele ngokwawo ubude bemigama.

Banye benu abazi ukuba uMarietjie Harmse, nonguNobhala omKhulu: kuCwangciso lweDolophu, yintshatsheli egqwesileyo kukutola kwi-3D. Intshatsheli eneMbasa yoMzantsi Afrika iminyaka emithathu ilandelelana, uMarietjie ukwahambe nembasa kuKhuphiswano lobuNtshatsheli leHlabathi kwangalo nyaka mnye.

Ngenxa yoko, uMarietjie ukhuphisene kumakhuphiswano ali-12 ehambeni kuka-2015 kwaye waphumelela iimbasa segolide azilihumi elinanye kunye neyesilivere njengolungu le qela lesizwe kuKhuphiswano lobuNtshatsheli ebelibanjelwe eHungary.

Ngokucacileyo, intetho ethi "igqabi aliwi kude emthini" inyanisekile kwimeko kaMarietjie, ngokuba bobani oonyana bakhe bathe bathabatha igolide nesilivere kuKhuphiswano lobuNtshatsheli leHlabathi luka-2013.

Ngokwenyani sesi sibini esakhuthathaza umama waso ukuba ajoyine le midlalo kwiminyaka esixhenxe eyadlulayo emva kokuba edikwe kukuba ngumbukeli oqhweba izandla emacaleni. Nje ukuba umoya wakhe wokhuphisana uqalise, uMarietjie akakhange achithe xesha ekusebenziseni italente yakhe ukukhuphisana nabona badlalali bangcono. Ngelo xesha, ke kodwa, wayengazanga wayithelekelela impumelelo eza kufikela.

UMarietjie kunye nomyeni wakhe bafuduke ukusuka eTzaneen, eLimpopo ukuza eKleinmond ekuqaleni kulo nyaka beshiya ngasemva oonyana babo ababini (ababudala bungama-20 nama-23 ngokulandelelana) khona ukuze bagqibele izifundo zabo.

Nangona ukutola, ngamanye amaxesha, kuthatyathwa njenge "boepenssport", uMarietjie uthi kumele kungajongelwa phantsi. "Ukutola ngumdlalo onzulu ngokwasengqondweni," utshilo. NgokukaMarietjie, eyona nto ibalulekileyo xa ufuna ukuba litola kukufumana izixhobo ezifanelekileyo. Izaphetha kumele zihambelane nomzimba wakho kulwakheko lwazo kwaye ke ngenxa yoko zingathada ukuba dula.

Kungako oko, ukuba unqwenela ukuthabatha inxaxheba kulo mdlalo, ucebisa ukuba ujoyine iklabhu yengingqi yakho. Kwesi siphiluka sethu, iiklabhu zokutola zingafunwa eGansbaai, eStomrvlei naseStrand.

Injongo yakhe elandelayo kukukhuphisana kuKhuphiswano lobuNtshatsheli leHlabathi. Ngubani owaziyo, mhlawumbi angangoza enye imbasa yegolide kwiqonga labaphumeleli laseOverstrand.

UMarietjie uthi wakhupha amazwi enkuthazo kwabo bafuna ukulandela lomdlalo ukhethekileyo: "Veel udlale ungakhe ucinga ukuba awukwazi kakuhle ukudlala. Ukutola ngumdlalo owonwabisayo kwaye lonke usapho lungathabatha inxaxheba.

Marietjie, siyakwamkela kuMasipala wase-Overstrand kway esikunqwenelela amathamsanqa kuKhuphiswano lobuNtshatsheli leHlabathi luka-2018.

- Ngu Anandi Rust

## DIBANA NENTSHATSHELI YEPULI KUMZANTS

**U**busazi na ukuba uJOHAN VENTER, ongomnye wabakhandi-zimoto kwiCandelo loLawulo lweziThuthi, ngumdlali wepuli woMzantsi Afrika? UJohan waqala ukudlala ipuli ebudala beminyaka ili-16 kwaye waqala ukukhuphisana okuqala kwiminyaka emithathu emva koko. Kule minyaka ili-10 idlulileyo, ube khuphisana ngamandla kwaye ngoku kukwinqwanqwa labalishumi abaphambili kwisiPhaluka samaPhandle kwiPhondo laseNtshona, indawo yakhe kwiqela elukhuphisana kwimiDlalo yoNyaka yoMzantsi Afrika ekuthiwa zi-SA Annual iqinisekisiwe.

Kule miDlalo yoMzantsi Afrika ebibanjwe ngoMeyi kulo nyaka, uJohan uphume unombolo 140 kumawakawaka abakhuphisani. UJohan udlala ipuli yonke imihla kwaye uthabatha usapho lwakhe njengabona baxhasi baphambili. Uyakulangazelela ukuqinisekisa impumelelo yeqela lakhe kwimiDlalo yoMzantsi Afrika ngo-2017, kodwa unqwenela ukuyeka ukukhuphisana nje emva kwaloo mnyhadala wokhuphiswano. Kubonakala ukuba kukhulu okuphethwe ngulo mkhandi-zimoto ngaphezu kokugcina iinjini neeradiyetha zisitho kuqala, nawe ungatsho mosi?

- Ngu Anandi Rust





## Abasebenzi bebenyanisekile kwiinqobo zaseOverstrand nge-Casual Day

**A**masebe angaphakathi kumasipala acele umngeni kwamanye khona ukuze kuncedwe kunyuswe ingxowa-mali edingekayo eyinkxaso eya kumzuzi we-Casual Day yalo unyaka, iOverstrand Association for Persons with Disabilities (OAPD).

Ngamalizo obubele okutya okungaboliyo avela kwiSebe leNgeniso, kwakunye nama-770 ezitika ze-Casual Day ezithengisiweyo kunye nemali eli-R1 364 enyusiweyo ngokuthengiswa kwee-boerieroll ngamalizo akaPick 'n Pay Hermanus, sibenakho uku-nikezela nge-R9 064 kulo mbutho ubaluleke kangaka.

Abasebenzi bathe bavakalisa ukunganeliseki kwabo ngendlela izinto ezithe zahamba ngazo kulo nyaka kwaye ezi zihlomlo zilandelayo zithe zaqatshelwa ngokwezicwangciso zesiganeko sika-2017.

iCasual Day kuphela kwesiyunguma apho abasebenzi bathi bafumane ithuba lokuzonwabisa besakha amaqela kunye nobudlelwane obungaphaya kwamacandelo abo.

- Ukuhambahamba ezitalatweni ezikhulu zeedolophu ezahlukeneyo phakathi kwe-08:00 - 09:30 kuvalwe izitalato kwaye kuqokelelwa izinto zohlamba nezasethoyilethi kumashishini. Abathabathi-nxaxheba koku kuhambahamba kumele ukuba banxibe bemke ngecala kwaye nathenge isitika.
- Abazuzi be-Casual Day, uSodolophu nooCeba kumele bathabathe inxaxheba koku kuhambahamba kwaye ngokwenza njalo banyusa ulwazi lwamathuba okubandakanywa kwabantu abakhubazekileyo kuluntu ngokubanzi.
- Aba bantu bahambahambayo baya kuqokelela izinto zokuhlamba (njengengqiqo ye-Santa Shoebox kodwa ngoku iba zizinto nje zokuthambisa) kumashishini athabatha inxaxheba neziya kunikezwa kumakhaya bantu abadala namanye amakhaya.
- Itekeni eluqilima kumele imiselwe khona ukuze kuthethwe namashishini kunye nabantu kuphethwe uluhlu lwezinto ekumnandi ukuba nazo noluhlu kwezinto ekudingeka ube nazo.
- Amashishini mawakhankaswe kwaye aziswe ngeli phulo kwangoEpreli.
- Ukuba eli phulo lingathengiswa ngokuchanekileyo, oku kungabeka iOverstrand kwinqwanqwa eliphambili lwamaqumrhu akhathalele u. luntu

Nangona kukho iimpundulo ezingentlango, singathanda ukubulela naye bani na othe wathenga isitika, okanye nawaphi na amagalelo athe enziwa ukuxhasa le projekthi - masihlale sisenza umahluko kubomi babo bakhubazekileyo kwingingqi yethu kwaye sincece ngalo ndlela singanceda kwizidingo zabo ezikhethekileyo nasekufezekiseni amaphupho abo.



*Emfanekisweni ngethuba lokunikezelwa kwe-OAPD liSebe leNgeniso kwiCandelo leZemali: nguGermaine Gillion, uRozella Fisher, uSonja Africa, uByron May, uAngelo Ford, uLu Mafuya, uRosina Clean (OAPD), uAnthea Etalla, uRomeo Stevens noLeslie Figaji.*



We belong



We care



We serve

### ... kwaye ukukhathala kusaqhubeka

**K**ubambiswano nabo baphethwe ngumhlaza - ngakumbi abantwana abanelukhemiya - abasebenzi abaphethe isebe lengenisio eOverstrand bazinikezele ekubonakaliseni inkxaso kwiNgxowa-mali yeSunflower eyaziwa njenge-Sunflower Fund (basemfanekisweni osekunxele).

NgokukaRozella Fisher, i-South African Bone Marrow Registry (SABMR) idinga

ngamandla abalizi abavela kwiintlanga zonke. Ngaphandle kwenkxaso yezimali, umsebenzi weSABMR ungema ngxi kwaye ukudluliselwa komongo kungangabi lunyango olukhoyo olungolunye eMzantsi Afrika. Ukufunda ngcono nge-Sunflower Fund, engumbutho ongenzi nzuzo ozinikele ekudaleni ulwazi ngokudluliselwa komongo, ndwendwela <http://www.sunflowerfund.org.za>.



## Ibele lingcono... yenza uvavanyo

**Nyanga yoKwazisa ngomHlaza weBele** iba nguOkhthobha minyaka le. NgokweSouth African National Cancer Registry, onye kubafazi abangama-29 eMzantsi Afrika baya kuxilongwa njengabanomhlaza webele.

Umhlaza webele, njengezinye iintlobo zemihlaza, uyanyangeka ukuba uxilongwe kwangexesha. Kubalulekile ukuba uzixilonge rhoqo amabele wakho kwaye uye xilongwa ngabonyanga.

### Iimpawu zomHlaza weBele

Uphawu oluxhaphakileyo lomhlaza webele lidlala okanye iqhuma elitsha. Idlala elingenantlungu, elilikhuni nelineziphelo ezingalinganiyo liyathanda ukuba ngumhlaza. Kodwa emi imihlaza iyathamba kwaye iba ngqukuva. Kubalulekile ukuba xa ubona into engaqhelekanga uzame ukuxilongwa ngugqirha.

### Ezinye iimpawu zomhlaza webele ziquka oku kulandelayo:

- \* Ukudumba kwebele lonke okanye inxalenye yalo
- \* ukurhawuzelwa sisikhumba okanye ukuba neziva
- \* lintlungu kwibele
- \* lintlungu kwingono okanye ukutshonela kwengono ngaphakathi
- \* Ukuba bomvu, ukuba namaxolo kwengono okanye isikhumba sebele
- \* Ukumfika kwengono ingaphumi bisi
- \* Idlala ekhwapheni

ISebe leMpilo lePhondo laseNtshona Kapa lithe laqala iPhulo leMpilo yabaFazi elijolise kubafazi bonke baseNtshona Kapa, nabayakuthi bakwazi ukufikelela nakweyiphi na iiklinikhi yempilo yoluntu kwiphondo ukuya kuxilongelwa umhlaza webele nowesibekeko, uncediso kucwangciso-nzala, ukuhlukuzana, umntu angakukhetha kuvalo-nzala kunye nolawulo lwesifo ezinganyangekiyo.

Kwiinzame zokuthundeza eli phulo, isebe landise amaxesha okusebenza kwiizakhiwo zoncedo ezithile ukulungiselela abafazi abasebenzayo.

### Ngeli xesha lokusebenza elongezekileyo, izigulane zingafikelela kwezi nkonzozo zilandelayo:

Ukubonelela ngenkathalo yothintelo, inkuthazo ngonyango.

Ukubonelela ngeenkonzo zokuhlukuhla nocwangciso-nzala

Ukuxilongela umhlaza wesibekeko

Izifo ezosulelayo

Ukuba kudingeka ukuba uye kuxilongwa kwakhona, ungandwendwela izakhiwo zempilo zeSebe leMpilo lePhondo laseNtshona Kapa ezikufutshane nawe.

Amaxesha andisiweyo okusebenza aseza kuqhubeka nokuba eli nyathelo sele lidlulile.



BETTER TOGETHER.

## Ukuba nakho ngokwahlukileyo... hayi ukungabi nakho



UAndré Felix

**U**Mzantsi Afrika ukhumbula iNyanga engoKwazisa ngamaLungelo oKhubazeko kuZwelonke phakathi kowe-3 ku-Novemba ukuya kowe-3 kuDisemba. Imiselwe njenge-International Day of Persons with Disabilities, umhla wesi-3 kuDisemba ukhunjulwa njengoSuku loKwazisa ngamaLungelo oKhubazeko kuZwelonke.

Xa ugcina iinqobo yawo, ezi ukuba ngowalapho, ukukhathala nokukhonza, uMasipala waseOverstrand uthe wabonelela ngamathuba engqesho akhulayo kwabo bantu bakhubazekileyo kule minyaka idlulileyo.

UAndré Felix, onguncedisi eofisini ominyaka ingama-34 kuPaul de Villiers weSebe leePaki egansbaai, wonzakala emva kokufumana umonzakalo kumbhoxo ngo-2009.

UAndré wathi wafumana unyango okunzulu ukuzama ukuvuselela imizwa nokusebenza kwamalungu wonke nemvakalelo-mizwa kumonzakalo womnqonqo awayelifumene ngelo xesha. Kungalindelwanga kwaye kwenziwe iinzame ezinkulu, uAndré wade waphila kangokuba akasadingi situlo sinamavili okanye ukumiselela ngentonga.

Umonzakalo wakhe, ngelishwa, wamthintela ukuba abuyele kwiSebe laManzi noGutyulo njengomsebenzi kwiziko elincinane.

Uvavanyo lomsebenzi lwango-2010 no-2015 olwenziwe nguMcebisi kwezemiSebenzi, isindululo esenziwayo saba sesokuba afumane uqeqesho lwekhomputha khona ukuze axhutyiswe ekwenzeni umsebenzi wobunobhalana. Engengomntu oyekeleleyo, uAndré ukwinkqubo yokwenza imatriki yakhe esebenzisa umasipala kwaye ulangazelela ukuqhubeka nezifundo zakhe nje ukuba efizekisa le njongo.

"Emva kokucinga ukuba ubomi bam buphelile, kuyavuyisa ukuya emsebenzini yonke le mihla ndisazi ukuba ndinegalelo elinentingiselo kwaye ndiyakwazi ukondla umfazi nabantwana bam,"utshilo uAndré.

Yinto engathandabuzekiyo ukuba iintsuku zokudlala umbhoxo nguAndré ngumcimbi wexesha elidlulileyo. Ngoku, uthi abukele lo mdlalo awuthanda kakhulu kwigumbi lakhe lokuhlala kwaye uzibandakanye nolawulo lwequmrhu leklabhu yombhoxo yengingqi, iBlack Leaves.



# Ingaba imeko yezimali yakho ikugcina uhleli ebusuku?



## Ubume obuhle bezimali bubalulekile...

**B**angaphi abanye bethu abangakwazi kulala, intloko okanye ucinizelelo oluphezulu ngenxa yezimali ezikwimeko embi kunye namatyala angalawulekiyo? Masiyithethe phandle: Amatyala ngusathana okhoyo, owenzekayo nonyanzelekiyo esinqwenela ukuphila ngaphandle kwawo. Kodwa ingaba siyakwazi ukuphatha izimali namatyala ethu ngokufanelekileyo?

Ndiqinisekile ukuba uluzimasile uCweyi loBume oBuhle beziMali oluqalwe yi-HR ngoAgasti. Injongo yolu cweyi ibe kukufundisa abasebenzi ukuba baziphatha kwaye bazicwangcise njani izimali zabo.

**Masishwankathele kwakhona eyon a mixholo ibithe yaxoxwa:**

- UHLAHLA-LWABIWO-MALI - Ingaba unalo uhlahlo-lwabiwo-mali lwakho olulandelayo kwaye uhlale ulusebenzisa?
- IINTLAWULO ZEBHANKI - Ingaba uyayazi ukuba uhlawula malini kwintlawulo zebhanki?
- AMATYALA - Ingaba unamatyala owahlawulayo kwaye uyakwazi ukumelana nalo matyala?
- UKONGA & UTALOMALI - Ingaba uyacwangciselela ukuonga nokwenza utyalo-mali?

Ukujongana noku kungentla kunganzima kube ngumthwalo, kodwa sidinga ukuqala nokuba kuphi na ukumisela ikamva elingcono lezimali zethu. Ungaqala ngokusebenzisa isicwangciso senyanga sohlahlo-lwabiwo-mali. Oku kuya kukunceda ukuba ulawule ingeniso nenkcitho, ukuhlawula amatyala nokuqala ukonga.

Kwakhona, qinisekisa ukumisela iinjongo zezimali zexesha elifutshane, eliphakathi nelide kwaye musa ukuba neentloni zokucela uncdo.

**Ikamva lakho lezimali lisezandleni zakho!  
UKUNGAPHUMELELI UKUCWANGCISA =  
KUKUCWANGCISELA UKUNGAPHUMELELI**




## Impilo entle yohlobo olwahlukileyo

**QINISEKISA UKUBA AWUWAPHOSI AMATHUBA OKUJONGA IZINTO EZIBALULEKILEYO**

**Kulo nyaka, iiNtsuku zoBume beMpilo kuMasipala wseOverstrand ziza kubanjwa ukusuka ngowe-12-14 Okkhobha ngolu hlobo lulandelayo:**

- **NgoLwesithathu 12 Okkhobha 2016**  
KwiHolo leDolophu eKleinmond ukusuka nge-08:30 - 13:30
- **NgoLwesine 13 Okkhobha 2016**  
KwiHolo kaMasipala nakwiOdithoriyamu eHermanus ukusuka nge-08:30 - 15:00
- **NdoLwesihlanu 14 Okkhobha 2016**  
KwiTshemba zeBhunga likaMasipala nakwiGumbi leKomiti eGansbaai ukusuka nge-08:30 - 13:30



**N**gabasebenzi abangama-366 baseOverstrand kwabangaphezu kwewaka abane-medical aid. Kulo nyaka, iBonitas iza kuba kuphela kwenkampani ye-medical aid eza kuzimasa kwaye ivavanye amalungu ayo kuphela eHermanus.

Abanye oonesi ababhalisiweyo baza kuvavanya amanye amalungu akwezinye ii-medical aid kwakunye namanye amalungu angena-medical aid kwiidolophu ezintathu ezixelwe apha ngentla ngale mihla namaxesha axelwe apha ngentla.

Abantu abazimase oku baza kuxilongelwa ucinizelelo lwegazi, ubungakanani beswekile egazini, ikholestoroli, ubunzima kunye nobungakanani kwesinqe nesisu kwaye banikwe iingcebiso

ngempilo yabo apho kuyimfuneko.

USista Mouton uza kuqhagamshelana namasebe achaphazelekayo ukuqinisekisa ukuba abaphathi nabo baphethe amaqela asebenzayo bathumela abasebenzi babo ngamaqela ahlukeneyo ngamaxesha ahlukeneyo ukuthintela ukuba kungabikho futhe libi kwimisebenzi kamasipala.

Ngokucacileyo, iiNtsuku zoBume beMpilo zithandwa kakhulu ngabasebenzi. Kulo nyaka uphelileyo, amalungu ali-269 ewonke (eKleinmond bali-104, eGansbaai bangama-81, eHermanus bali-157) bathe bazisebenzisa ezi nkonzo (linyukile ukusuka kuma-229 abantu ebeberekhodwe ngo-2014).

## IOVERSTRAND NGOKU IQHAYISA ngabaqhubi bezikhephe abaqinisekisiweyo abathandathuskippers

Sibulela ububele obuvela kwiWalker Bay Ski Boat Club, isithandathu sabacimi-mlilo nabanyanzeli bomthetho baza kukwazi ukuphatha isikhephe ngokuzithemba kwixa elizayo.

Kulandelwa uqeqesho namanyathelo anzima, esi sithandathu sithe saphumelela iimviwo zethiyori zelayisenisi yokuba ngumqhubi wesikhephe ezivunye yiSouth African Maritime Safety Authority (SAMSA).

Umqhubi onamava kunye nelungu leklabhu yamaphenyane, uTjaart Olivier, uthethe wafundisa lamadoda amasolotya okuqikelela ukucutha amanyathelo okuloba ngokungekho mthethweni kumacweba amaninzi amalunga neOverstrand kwaye kulindlekele ukuba anike inkxaso kwiNational Sea Rescue Institute xa kuyimfuneko.

"Ngenxa yokuba ingumnqophiso wethu ukukhuthaza ukuloba okuqhubekayo nokukhuselekileyo, kuyaqondakala ukuba kutheni iklabhu yamaphenyane iza kutlala imali nexesha ukukhusela imimandla yokuloba yaseOverstrand. Ibiliwonga nothakazelelo ukusebenza nala madoda, kwaye sibangqenelela okuhle kodwa kwimizamo yokufezekisa uxanduva abanalo lokukhusela nokunyanzelisa umthetho," usihlalo weklabhu yamaphenyane, uWalter Mapham, utshilo xa ebenikeza lamadoda iziqinisekiso zawo.



UAngelo Aplon (qelele ekunxele), uNigel van Wyk (ngasemva), u-Ulrich Titus, uFronwin Marais noPhillip de Gruchy bafumanise ukuba ngku bangongeza ilayisenisi yokukhuba izikhephe kwingxelo yobomi babo. Nanjengoko kusoloko kunjalo kubanyanzelisi-mthetho, umgqatswa wesithandathu uTohien Bazier - uthethe wanika ubungqina enkudleni yamatyala ngalo mhla kufotwa le foto.

## Babuthe inqwaba yeembasa ...



Beqhayisa ngeembasa abazifumene kwisiqinisekiso se-Passing-Out Parade for the Fire-fighter 1 ngabaCimi-mlilo baseOverstrand (ukusuka ekunxele ukuya ekunene) uJuandre Viviers (Oyena mFundi uGqwesileyo eKwenzeni umSebenzi), umCimi-mlilo Horn (ongaveli eOverstrand), uGcobisa Pilingane (Oyena mFundi uPhucukileyo), uTyrol Mackenzie (Oyena mFundi uGqwesileyo kwiThiyori) kunye noShaun Mackay (Oyena mFundi uneMbeko).

Kwi-Passing-Out Parade ebibanjwe kwisiTishi sabaCimi-mlilo saseStellenbosch, ezine kwezintlanu iimbasa eziphambili zifunyenwe ngabacimi-mlilo baseOverstrand. Kwaba uTyrol Mackenzie wafumana imbasa yoyena 'mFundi uGqwesileyo kwiThiyori', uJuandre Viviers ube ngoyena 'mFundi uGqwesileyo eKwenzeni umSebenzi', uShaun Mackay ube ngoyena 'mFundi uneMbeko', ngelixa uGcobisa Pilingane ahamba nembasa yeyona 'mFundi uPhucukileyo'.

I-Fire-fighter 1 sisifundo sesiqinisekiso esivunye kumazwe ngamazwe esithi senziwe ngabacimi-mlilo ukuze bafezekise imisetyenzana ethile.

Iqulathe iimodyuli ezintathu, oko kukuthi

- UNyango lokuQala iNqanaba lesi-3
- Ukwazi i-Hazmat
- Isigaba soKwenza neThiyori yabaCimi-mlilo

IZiko loQeqesho iCape Winelands apho isifundo siqhutywa khona sijolise kwizigaba ezintathu kule imeko.

Abacimi-mlilo balangazelela ukufumana isiqinisekiso seFire-fighter 2. UJuandre Viviers uthethe wafumana imbasa ye-"Top South African Candidate in the IFE Level 3 Certificate Examination 2016" neya kunikezwa kuye ngumongameli woMzantsi Afrika we-IFE kumsitho okhethekileyo wangoLwesithathu, 2 Novemba 2016.

Impangelo eqhuba iminyaka engamashumi amathathu, uJoe Schoeman uthethe wazenzela udumo nentlonipho njengoyena mcimi-mlilo oqeqeshiweyo nonobuchule.

UJoe uthethe wafumana isiqinisekiso sokhuseleko seNqanaba lesi-4 kwi-Institute of Fire Engineers (IFE) ezinze e-UK, nelilelona ziko lidala kwaye libalulekileyo. has established a reputation as being an astute and capable professional fire-fighter.

Okulandela oko, uJoe ngoku angabhalisela isidanga se-BSc in Fire Safety Engineering kwiYunivesithi yaseLancashire uku-fezekisa iphupho lobomi bakhe lokuba zesakhono sokhuseleko lweenqanawa okanye leenqwelomoya.



IGosa loKhuseleko kwimiLilo laseOverstrand, uJoe Schoeman, usibonisa isiqinisekiso sokhuseleko seNqanaba lesi-4 asiwongwe ngaso yi-Institute of Fire Engineers ezinze e-UK.



# IKronos iyabetha kwaye izixhobo zekhompnyutha ziyasetyenziswa

**U**kusombulula amakhwiniba enkqubo yokukloka emsebenzini kusetyenziswa oomatshini nezixhobo zekhompnyutha: uMasipala waseOverstrand ukwinkqubo yokufakela nokusebenzisa iNkqubo yokukloka emsebenzini yekhompnyutha.

Ukuza kuthi ngoku, sikhuphe izixhobo kwimimandla ephambili yonke kodwa siyazi inkxalabo yokungapheleli kwezixhobo kwimimandla ethile. Ukusombulula le nto, nanjengoko bekunxityelelwene kwixesha elidlulileyo, umboneleli ngenkonzo wethu uthe wafaka izixhobo ezongezekileyo ezingasetyenziswa ngabasebenzi kwimimandla echaphazelekayo, ngokwenza njalo babe bavumela abasebenzi ukuba bakloke besebenzisa iikhompnyutha zabo emsebenzini.

Esi sivumelwano senze ukuba sidale amathuba okukhupha iithabhulethi ezongezekileyo kwimimandla apho kukho ukunqongophala okanye zingekho tu kwaphela.

Ngokufanelekileyo, umbonelelo ngenkonzo wethu uza kulandela isicwangciso sokuba iithabhulethi ziza kufuduswa ukusuka kwimimandla apho abasebenzi banakho ukukloka besebenzisa iikhompnyutha zisiya kwimimandla apho abasebenzi bengena ndlela yimbi nemimandla apho apho kukho abasebenzi abaninzi ukuba bangakloka kwithabhulethi.

**Imibandela yezixhobo neKhefu:** siyazi ukuba abasebenzi abaninzi basafumana iingxaki malunga nezixhobo ngexesha yothungelwano (olubonelelwa nguVodacom ngoku) okusebenzisa idatha yonxibelelwano kwakunye nokugcina ikhefu elikhoyo kwi-Payday.

Sisebenza ngokusondeleneyo nababoneleli bethu iPayday neKorons ukusombulula iimpazamo ezithe zenzeka kwikhefu ngokukhawuleza kunye nokunika ingxelo nje ukuba umbandela usonjululwa.

Ukongeza, sikhangele isisombululo sonxibelelwano kusetyenzisiwa utlungelwano lukaTelkom nesikholelwa ekubeni iya sisombululela imibandela yonxibelelwano esithi sihlangebezane nazo nothungelwano lwe-3G



yeVodacom. Nje ukuba esi sisombululo sisebenza kwaye sifezekiswa, siza kwenza umyinge wonzizo nempendulo.

**Uqeqesho lwabaphathi:** Bonke abaphathi sele beqeqeshiwe ngoku ukuphatha ukuza kwabasebenzi emsebenzini kusetyenziswa uKronos. Ngokuxhomekeke ekubeni bonke abasebenzi bafika kwangexesha emsebenzini, ukuphatha amaphepha achasa amaxesha kufanele ukuba kube lula.

**Ukuxela imiBandela:** Inyameko yakho ngesi sthuba sexesha lokuqaliswa koqeqesho iyabulelwa, kwaye nceda uqhubeke uxele zonke iimpazamo njengoko naxa zisenzeka okanye kuhlangebewana nazo.

Njengesikhumbuzo, ke kodwa, nceda uxele zonke iimpazamo kwidesika yoncedo ye-ICT. Umnxeba wakho uya kudluliselwa kwisebe elifanelekileyo.

Ukuba yimpazamo yeenkcukacha zomqeshwa, iSebe lemiThombo yeza-baSebenzi liza kunceda ukuba kusonjululwe leyo mpazamo.

Zonke iimpazamo ezingothungelwano ziya kulawulwa liqela le-ICT

## Shii... thelekelela ukuba ngubani ofumene imemo?!



**U**hamba kukubona: Ngoku athini amathuba okuba abasebenzi abathathu bafika emsebenzini benxibe impahla ezimibala ifanayo ngosuku olunye?

Ewe ke, ukuba kukho owaziyo ukuba oko kungenzeka, sonke singaphumelela uLotto, nhe?

Kwifisi yaseGansbaai, ke kodwa, loo mathuba aphantse ukwenzeka xa amalungu abasebenzi uMadeleine Stoman, Edgar Nutt noLindelwa Gcobo bafike emsebenzini ngoMvulo we-19 Septemba 2016 - bonke benxibe imibala emnyama nebomvu bengakhanye bathethe ukuba yindlela ekumele banxibe ngayo leyo ngalo mhla.

**NdinoMadeleine othe, "Ngethamsanqa, ibingeyobhabhalaza!" - uMhleli**

# Ukhe weva?



UKayno Lukas, umfundi waseHermanus High School nogxa wakhe uKayla Swartz ubhiyozele itheko lokuthi ndlelantle kwabematrikhi ebelingomhla wama-30 Septemba. UKayno ngunyana kaMarquine noSamantha Lukas.



UWinleigh Boshoff, intombi kaSarolyn Coert, osebenza kwezemililo, ubenxibe umbala oluhlaza kumsitho wematrikhi obungomhla wama-29 Septemba. UWinleigh ngumfundi waseGrabouw High School.



Umlonji, uLesbury Smith weSebe leNdlela eHermanus uphume kumagqibela kankqoyi abangama-20 abaphambili kuKhuphiswa loMculo weVangeli i-Sing for the King 2016 Gospel Competition. Unqwenela ukuphuma emagqabini kwabali-10 kumagqibela kankqoyi aya kubanjwa ngoMgqibelo we-5 kuNovemba 2016.



Sivuyisana noTammy noDavid Goncalves ngokwamekla unyana wabo omhle uGiovanni Alberto kusapho lwabo ekuqaleni kukaSeptemba kulo nyaka. Monwabeleni lowo usandula ukongenzwa kusapho lwenu, Tammy noDavid. Yanga angaqhubeka abe ngumthombo wolonwabo olungapheliyo.



Dibana nabafazi abasemva komi wokuqala wethu: uSodolophu uSibonda Rudolph Smith ( phakathi) umi neGosalonxibelelwano noLuntu uSamantha Carelse ( ekunxele) noNobhalana wakhe uDoret Taljaard (ekunene).

Thina apha ePhambili samkela igalelo lenu kwaye silangazelela ukufumana imiba emitsha enika umdla kule dilesi yeimeyili [cresandt@overstrand.gov.za](mailto:cresandt@overstrand.gov.za). Okanye, tsalela umnxeba iqela labahleli kwezi nombolo 028-313-5045.